


XHOSA



ISEBE LEMFUNDO LEMPUMA KOLONI
EASTERN CAPE EDUCATION DEPARTMENT
OOS-KAAP ONDERWYSDEPARTEMENT

IIMVIWO ZEBANGA LESHUMI ELINANYE
GRADE 11 EXAMINATIONS
GRAAD 11-EKSAMEN

NOVEMBA 2008

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO – IPHEPHA LOKUQALA

**IXESHA: 2 iiyure
AMANQAKU: 120**

**TIME: 2 hours
MARKS: 120**

**TYD: 2 uur
PUNTE: 120**

Bhala emva kwegama "Subject" –
ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO – IPHEPHA LOKUQALA

Olu viwo lunamaphepha ali - 13.

IMIYALELO / INSTRUCTIONS / INSTRUKSIES

1. Eli phepha linamacandelo AMANE.
This paper has FOUR sections.
Hierdie vraestel bestaan uit VIER afdelings.
2. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.
Write each section on a new page.
Begin elke afdeling op 'n nuwe bladsy.
3. Bhala ngokucacileyo nacocekileyo.
Write neat and clear.
Lewer asseblief netjiese werk in.
4. Nika ingqalelo kwindlela owakha ngayo izivakalisi.
Take note how you build your sentences.
Maak seker dat jou taalgebruik en sinskonstruksie korrek is.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

Qinisekisa ukuba utya ukutya okunempilo kwaye okunedayethi enesondlo. Oko kuya kukunceda uhlale uphilile kwaye unamandla okumelana nazo zonke iimeko zempilo. Ingulowo nalowo unohlobo lwedayethi olufanele yena. Idayethi enceda omnye umntu ayithethi ukuba ingamlungela omnye umntu. Idayethi luhambo olude lokufumanisa ngokufunisela ukuba utya okuphi ukutya kwaye kukuphi ukutya onokukutya noko ungenakukutya. Iinzululwazi zinokukunceda ngokuthi zikucebise idayethi enokuthi ikulungele.

Zama ukutya okuphekiweyo nokutya okosiweyo. Kuphephe ukutya okwenziwe ukuba kungonakali. Kufuneka uzifundise ukufunda iileyibhile zokutya ukukhangela izithako okwenziwe ngazo. Indlela elula yokutya idayethi elungelelanisiweyo kukucinga ngokutya okutyayo ngokuphathelele kwiintlobo ezahlukeneyo ezifana nokutya okunesitatshi, okuneeproteni kunye neziqhamo.

Inxalenye engundoqo (some of main food) ekutyeni kwakho kufuneka ibe kukutya okunesitatshi okufana neetapile, iisiryeli zengqolowa, isonka, ipasta, irayisi kunye ne-oats. Oku kutya kunamafutha amancinane nefayibha eninzi. Kwaye kuneekhabohayidrethi ezininzi ezetyiswa kancinane kwaye ezinceda ekugcineni imigangatho yamandla.

Iziqhamo nemifuno

Enye inxalenye eninzi kukutya okutyayo kufuneka ibe ziziqhamo ezinamafutha amancinane, ezinefayibha eninzi neevithamini ezininzi neetyuwa nemifuno. Iziqhamo nemifuno ziqulathe ezinye iikhemikali zezityalo. Oogqirha bakholelwa ukuba zibalulekile ekuthinteleni izifo ezininzi zasentshona ezinjengentliziyo, isifo seswekile, umhlaza kunye nesifo sokuguga.

- 1.1 Yintoni idayethi ngokwesi sicutshulwa? (4)
- 1.2 Ngokwesi sicutshulwa zeziphi izifo ezithintelwa kukutya iziqhamo nemifuno? (4)
- 1.3 Iikhabohayidrethi ziwunceda ngantoni umzimba? (3)
- 1.4 Bhala isivakalisi esilumkisa ngokusetyenziswa kokutya okunkonxiweyo. (3)
- 1.5 Chaza iintlobo zokutya ekufuneka umntu ezityile. (5)
- 1.6 Ngoobani abanokukwazi ukucebisa ukuba utye idayethi elungelelanisiweyo? (2)
- 1.7 Ingaba wonke umntu kunyanzelekile ukuba atye idayethi efana neyomnye umntu? (2)
- 1.8 Kutheni kufuneka ufunde iilebhile zokutya nje? (3)

1.9 Uthini umyalezo ogqithiswa ngumbhali kwesi sicutshulwa?

(4)
[30]

ICANDELO B : USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda lo mhlomlo wandule uwuswankathele. Bhala amagama angama-40 — 50. Libhale inani lamagama owasebenzisileyo ekugqibeleni, uwabiyele.

Read this passage and summarise it. Use 40 — 50 words.
Write the number of words you have used at the bottom in brackets.

Lees die volgende stuk en som dit op. Gebruik 40 — 50 woorde.
Skryf die aantal woorde wat jy gebruik het, neer.

Intlanganiso yoonontlalontle

Kule mpelaveki iphelileyo ngoMgqibelo, oonontlalontle baseNtshona Koloni bebenentlanganiso phaya kwiHolo laBantu eRetreat. Le ntlanganiso iqale ngentsimbi yeshumi kusasa. Babebaninzi kakhulu oonontlalontle kule ntlanganiso. Bekukho nabavela ePere, eVostile, eStellenbosch naseHermanus. Nanga amagama abanye babo: uSipho Siqendu osebenza kwisikolo sezimumu nezithulu eVostile; uMandla Ngevu osebenza kwisikolo seemfama eVostile; uNobandla Twala osebenza kwikhaya labantu abagugileyo eHermanus; uDaphney Bonzet osebenzela umbutho wolondolozo lwezilima ePere; uDenver Brandt osebenza kumzi wamakhwenkwana aziinjubaqa eHermanus; uClare Ewels osebenzela ibhunga leecawa zaseNtshona Koloni ePere; uFatima Ahmad osebenzela uMbutho woMnqamlezo oBomvu eStellenbosch; uNalin Naaido osebenza kwikhaya lamakhoboka otywala eStellenbosch.

Ibiyintlanganiso yokuqala kulo nyaka. Iinjongo zale ntlanganiso ibikukwamkela amalungu amatsha – aqalayo ukusebenza navela kwezinye iindawo. Enye injongo ibikukuxoxa ngamalungiselelo enkomfa yonyaka yoMbutho woNontlalontle baseMzantsi Afrika. Kulo nyaka le nkomfa iza kuba se-Old Crossroads. Umxholo wenkomfa kulo nyaka iza kuba kukusetyenziswa kweziyobisi. UKholeka Bhelwana osebenzela umbutho womhlaza wesizwe, wazise ngephulo lokulwa ukutshaya. Eli phulo liza kuqala ngomhla wokuqala kule nyanga izayo kwiHolo laBantu eSea Point. Kuza kubakho izithethi, kuboniswe neefilimu. UDaphney Bonzet wazise ngomboniso wezinto ezenziwe ngabantu bekhaya lezilima ePere. Lo mboniso uza kuba ngomhla wamashumi amabini anesihlanu kule nyanga. Abafundisi bomsebenzi wezandla baza kubakho, baphendule imibuzo yabantu abafuna ukubuza.

Umhlali- ngaphambili wazise ngentlanganiso elandelayo. Uthe iza kuba seZwelethemba eVostile ngomhla weshumi elinesihlanu kule nyanga ingaphaya kwale izayo. Intlanganiso iphume ngo-11.30

(10)

ISIGAMA	/ VOCABULARY	/ WOORDESKAT
Iholo labantu	community hall /	gemeenskapsaal
Isimumu	a dumb person /	stom persoon
Isithulu	a deaf person /	dowe persoon
Imfama	a blind person /	blinde persoon
linjubaqa	juvenile delinquents /	jeugmisdadigers
Umxholo	theme /	tema
Iphulo	campaign /	veldtog
Umboniso	exhibition /	uitstalling

ICANDELO C : UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

PHENDULA YONKE IMIBUZO KWELI CANDELO/ANSWER ALL THE QUESTIONS IN THIS SECTION/BEANTWOORD AL DIE VRAE IN HIERDIE AFDELING

IQABANE

Eyomdumba 2008

Indlela yokufumana
iqabane eli lilo

INGCEBISO:
Indlela yokonga
imali xa
senigqibe
ekubeni
nizimanye

Uthando: Esi
sibini sithetha
ngolonwabo
lwaso
emtshatweni

Ukuphila
noGawulayo
neqabane
lakho

uNosiviwe
Mapisa-Nqakula
usibalisela
ngomsebenzi
wakhe

Ekugqibeleni
indlu eyeyakho!

Umfanekiso
kaNtando
ngaphakathi

Gcina uthando
lwakho luvutha

Ukugcina umzimba
wakho ngokutya
okusempilweni

Ibethwe yalala
ngophotho injinga
yaseMelika

AMABHASO !

Ngenela ukhuphiswano uzuze
intarha-ntarha yamabhaso




- 3.1 Kutheni ufuna ukuthenga le magazini? (3)
- 3.2 Ngowuphi umfanekiso onokuwufumana wemvumi kule magazine? (1)
- 3.3 Aba bantu bakule magazini bonwabile okanye hayi? Ngoba? (3)
- 3.4 Ipapashwe ngeyiphi inyanga nonyaka le magazini? (2)
- 3.5 Kutheni isihloko (title) sale magazine sibhalwe ngoonobumba abakhulu? (3)
- 3.6 Nika umhlathi ocebisa (advise/Adviseer) ngezemali? (2)
- 3.7 Nguwuphi umdlalo oboniswe kule magazini? (1)

[15]

UMBUZO 4

Ukutolikwa kwegrafu



Le grafu ibonisa amanani onyaka okunyuka nokwehla kwemali esetyenziswe liphondo ngalinye ukuya eBeijing.

- 4.1 Leliphi iphondo elisebenzise eyona maliininzi ukuya eBeijing kwikota yesithathu? (1)
- 4.2 Yeyiphi eyona pesenti iphantsi isetyenziswe liphondo? (1)
- 4.3 Uyahambisana nale nto yokuchitha imali eninzi ukuya eBeijing? Ngoba? (3)

UMBUZO 5

Jonga le khathuni uze uphendule imibuzo ekuyo.



- 5.1 Zalisa izikhewu kumfanekiso 2 (5.1.1) nomfanekiso 3 (5.1.2 no 5.1.3). (3)
- 5.2 Kumfanekiso wesi-5, nika isichazi (antonym) segama, “phumelela”. (1)

- 5.3 Kumfanekiso we-7 nika isichazi (antonym) segama “thetha”. (1)
- 5.4 Xa ujonge le khathuni ungathi bangaphi abantu abakuyo? Bhala inani ngamazwi. (in words / in woorde) (1)
- [6]

UMBUZO 6

PHENDULA LE MIBUZO

- 6.1 Khawusixelele ibanga okulo nonyakanje. (1)
- 6.2 Zeziphi izifundo ozenzayo? Nika zibe zi-3. (3)
- 6.3 Uyahambisana nale nto yokuzithengela kwabantwana iincwadi zesikolo? Nika isizathu. (2)
- 6.4 Uyathemba ukuba uza kuphumelela kulo nyaka uzayo? (Impendulo mayibe kwisivumo) (2)
- 6.5 Unethemba lebhasari kulo nyaka? (Impendulo mayibe kwisilandulo) (2)

[10
]

UMBUZO 7



- 7.1 La mantombazana aya epatini. Bonisa/Xela izinto abazenzileyo ukulungiselela le pati. (2)
- 7.2 Umenywe kumdaniso wesikolo. Kuza kuthengiswa iziyobisi. Uyahambisana nale nto? Ngoba? (2)

- 7.3 Xela imvumi ethandwayo lulutsha eMzantsi Afrika ngeli xesha? (1)
- 7.4 Wena, umamela umculo onjani? (1)
- 7.5 Zeziphi izixhobo(devices/ tegnologie) onokuzisebenzisa ukumamela umculo?
Nika zibe mbini. (2)
- 7.6 Khawutsho, wena, uyakwazi ukudanisa?
Phendula ngesivakalisi esizeleyo. (2)
- [10]**

UMBUZO 8

Uhlelo / Editing / Redigering

Bhala kuphela amagama alungisiweyo.

Write only the corrected words.

Skryf slegs die korrekte antwoord neer.

Ngenye imini sadibana no mfana ___ sebenzisa iziyobis ___ saze sambukela kuba zaziyelele inqondo wakhe, sele efuna ukuba bugezarha. Wayeteta yedwa emana ukukhomba. Uyabazi ke abafundi nabo benhleka kanti simchukumisile. Wasileqa saza sangena endlini wexegwazana, satshona phantsi ebhedl. Ndangqubeka ___ cangweni ndaze ndagruzuka engqinibeni. Wangena embhonzeleka lomfana emzini womntu emdala. Waba nganqandwa watyhudisa efuna undiko.

(14)

ICANDELO D

UNCWADI / LITERATURE / LITERATUUR

Eli candela lineencwadi ezimbini ezi zezi UMZALI WOLAHLEKO no AMATHUNZI OBOMI.

Khetha ke wena ibe NYE kuzo.

This section deals with two prescribed books namely UMZALI WOLAHLEKO and AMATHUNZI OBOMI

Choose only ONE book.

Hierdie afdeling handel oor twee voorgeskrewe boeke naamlik UMZALI WOLAHLEKO en AMATHUNZI OBOMI.

Kies slegs EEN boek.

ICANDELO D: INOVELI

UMZALI WOLAHLEKO

UMBUZO 9

QUESTION 9

VRAAG 9

Funda le mihlomlo ilandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo:

Read these extracts carefully and then answer the questions that follow:

Lees die uittreksels noukeurig deur en beantwoord dan die vrae:

- 9.1 *KuseMonti. Lixesha lokufika kukaloliwe ovela ngaseXesi. Esitishini kukho abafana ababini. Aba bafana bemi mganyana nale ndawo ima uloliwe kufutshane nevenkile enkulu yomLungu. Batshaya imidiza, kwaye banxibe ngohlobo olungaqhelekanga kumntu wasezilalini. Iminqwazi kubo bobabini ibhekiswe ecaleni: iibhatyi zimfutshane; ziphela ezimbanjeni; iibhulukwe zinkulu ngathi ziilokhwe. Aba bafana ngoonqal'intloko benene.*
- 9.1.1 Ngoobani aba bafana? Balisa ngokufutshane ngomfana ngamnye. (4)
- 9.1.2 Babemele ntoni esitshini aba bafana? (2)
- 9.1.3 Kwehla bani kuloo loliwe? Lo mntu wayevela phi? (2)
- 9.1.4 Lo mntu uku-9.1.3 wagoduka ekupheleni kweli bali okanye hayi? (1)
- 9.2 ***Umnyaka ka-1918 awusoze ulibaleke. Kaloku ngunyaka wesifo esoyikekayo.***
- 9.2.1 Bhala amalungu AMANE osapho lukaMenzile angenwa sesi sifo. (4)
- 9.3 *“Shumikazi, ubomi bam bulondolozwe nguwe. Ungumongikazi wodidi lokuqala. Maze ufundele ukonga sitshate sobabini. Uyavuma ke Jwarhakazi?”*
- 9.3.1 La mazwi athethwa ngubani? (1)
- 9.3.2 UNoshumi waphendula wathini? (1)
- 9.3.3 Kwakutheni ukuze lo mfo ongiwe (to be nursed) nguNoshumi? (2)
- 9.3.4 Waphila nini lo mfo phambi kokubuyela kwakhe emsebenzini? (2)
- 9.4 Esi sivakalisi SIYINYANI okanye SIBUBUXOKI?
Xa sibubuxoki, silungise.
- 9.4.1 Isiduko (clan name) sikaMenzile nguMtika. (1)

[20]

INOVELI

AMATHUNZI OBOMI

UMBUZO 10

Funda le mihlomlo ilandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo.

Read these extracts carefully and answer the questions that follow:

Lees die uittreksels noukeurig deur en beantwoord die vrae:

- 10.1 *UMaDlomo* : *Awu! Ndahlupheka bo!. Ndiphi na bubuze, Krila, andisenakuvela ebantwini. Yona iminikelo ndineentloni nokuthetha ngayo. Ungandixhela nomthendeleko. Kodwa ke kuya kubuya kulunge, Krila.*
- UKrila* : *Washumayela umfo wakwaThixo kumazwi athi “nikelani ezikaKhesare kuKhesare nezikaThixo kuThixo”, watsho laphila ibandla.*
- 10.1.1 UKrila wayetyelela uMaDlomo apha. Balisa ngokufutshane. (2)
- 10.1.2 Chaza ngokufutshane la magama entshumayelo athethwa nguKrila. Wayethetha ngantoni? (2)
- 10.1.3 Kodwa uMaDlomo wayenethemba. Yayiyintoni elo themba? (2)
- 10.2 *UMaDlomo* : Ngxaki!
- UNgxaki* : Mama!
- UMaDlomo* : *Undivisa ubuhlungu mntwan’am ngezi zinto uzithethayo. Uz’ungabe usele kwakhona uz’ ungabe udlale iidayisi, uyeva? (UNgxaki uthi tu akathethi uqondele phantsi). Masiphume baza kufika abantu. Ziyekeni izitya ndobe ndizihlambe. Hambani ngoku nakubuya bakumka.*
- 10.2.1 *UMaDlomo* weva ngezenzo ezibi zikaNgxaki. Nika imizekelo yazo. Wafunda phi ukwenza ezi zinto? (3)
- 10.2.2 Abantu babeza kufika kwaMaDlomo. Babeze kwenzani? (1)
- 10.2.3 Kwenzeka ntoni kuNgxaki ekupheleni kwencwadi? (2)

10.3 *UThemba* : *Wathini umantyi?*

UMaDlomo : *Uthe makukhangelwe ezincwadini ukuba andizange ndibanjwe na ngaphambili kwale nto. Akufumanekanga nto ngakum. Kodwa abanye kuthe kwakukhangelwa kwafunyanwa seyilixesha lesibini nelesithathu bebanjwa.*

10.3.1 UMaDlomo wagwetywa njani? (2)

10.3.2 Ngubani owabhatala imali yokumkhupha entolongweni? (2)

10.3.3 UMaDlomo wadibana nabani enkundleni? Lo mntu wamnceda njani ukuze ayeke ukusila? (2)

10.3.4 UMaDlomo wazama ukuhamba iindlela ezimbini. Kwakulula? Kutheni usitsho nje? (2)

10.3.5 UMaDlomo wayengumfazi onjani kuwe? Ucinga ukuba zilungile izenzo zakhe encwadini? (1)

[20]

AMANQANKU EWONKE: 120